



UDumisani ubhala inqaku lemagazini yesikolo sakhe.

Unodliwanondlebe nabantwana besikolo sakhe ngamava
abo ngexesha leKhowid.

Uthetha nabo ngexesha lekhefu elifutshane esikolweni.




“Nacinga ntoni xa naniqala ukuva ngentsholongwane yeKhorona?” watsho ebuza uDumisani.

“Abantu abaninzi bakholelwa kwizinto abazibonayo, hayi abazivayo. Ekuqaleni, abanye babesithi le ntsholongwane ayikho,” watsho uMoses.



UMoses waqhuba wathi, “Abanye abantu babengafuni ukulandela imigaqo. Ndabaxelela, kufuneka sonke silandele imigaqo yalo bhubhane, ngoba xa singenzi njalo, le ntsholongwane ayizokuphela...”

“Emakhaya nasekuhlaleni, besiyilandela imigaqo!” wangenelela uZwanga.




UZwanga liwele likaMoses. UMoses wajonga kuZwanga.

“Unyanisile?” wabuza uMoses.

“Andithethi wonke umntu wasekuhlaleni, kodwa abanye babo!” watsho eqhankqalaza uZwanga.

Abanye abafundi bahleka. Kwakunjalo kumntu wonke.



Ibimininzi gqitha le mithetho nemigaqo!" watsho ekhalaza uZwanga.

Watsho esithi, "Ungabambi ubuso, ungabambi impumlo, ungabambi umlomo, ungahambi ngebhasi egcweleyo. Hlamba izandla, faka isibulalantsholongwane, nxiba imaski, yithi qelele kwabanye..."

UZwanga watsho ephelelwa ngumoya.



UMoses wathi, “Eyi, uvaleleko lokuqala lwalunzima kakhulu!”

UDumisani ubuze iqela, “Ngaba nenza njani kakade ngexesha lokuvalakwa?”


UMpho waphendula, “Kwakungekuhle! Konke esasikwenza kukuhlala ekhaya sibukele umabonakude. Ekuqaleni, wawungakwazi nokuphuma phandle.”



“Kwakunzima ukufundela ekhaya ngenxa yengxolo eninzi,”
watsho uBasani.

“Ndandindedwa. Ndandidinga umntu wokundicacisela
umsebenzi endandiwunikiwe,” watsho uBongi.

“Nam ndanditsala nzima kakhulu ngomsebenzi wesikolo,”
watsho uMpho.



Ke ngoku, wakuvuyela ukuvulwa kwezikolo?" wabuza uDumisani.

"Ndakucinga ukubuyela emagumbini okufundela esikolweni njengento engakhuselekanga," waphendula uAndzani.

UAbdul wamngqinela wathi, "Thina singabafundi singangayilandeli imigaqo okanye singalibala."




“Ndandingaboni kulungile ukuba izikolo zivulwe,” watsho uBasani.

UMpho wathi, “Ndakuvuyela ukubuyela egumbini lokufundela, ukubuyela esikolweni.”

Kwakunjalo nakum!” watsho uMoses, noZwanga wanqwala intloko yakhe.

“Yintoni eyahlukileyo esikolweni ngoku?” wabuza uDumisani.



UMoses waphendula kuqala, “Inye into eyahlukileyo esikolweni oko kwafika eli xesha leKhowid-19 kwaye loo nto yi...”

“... kukuba yonke into itshintshile!” uZwanga wagqibezela intetho yomnakwabo.

Abahlobo babo bavumelana nabo behleka. Yakhala intsimbi yesikolo, lixesha lokungena emagumbini okufundela.



—Imibuzo

1. Wacinga ntoni ukuqala kwakho ukuva ngeKhowid-19? Cacisa.
2. Sicacisele ngegama ngalinye ngawakho amazwi: ubhubhane, zicoce, ukumiswa ngxi kweentshukumo.
3. Fumanisa amagama apha ebalini aphikisanayo nala: isiphelo, lila, akunanto, engcono.
4. Kutheni lento kusoloko kuyimfuneko ukuzihlamba izandla?
5. Yeyiphi imiqathango isikolo sakho esilindele ukuba uyilandele? Ucinga ukuba kutheni le miqathango ibalulekile?
6. Kuthetha ukuthini ukuthi, 'Inye kuphela into etshintshileyo'?
7. Ucinga ukuba yintoni eyakhokelela urhulumente ekuzivuleni kwakhona izikolo?



Eli bali lisekelwe kwiingxelo zeRX Radio. IRX Radio sisikhululo sika nomathotholo wabantwana esikwintanethi, esilawulwa ngabantwana besenzela abanye abantwana.

IRX Radio isebenzela kwisibhedlele sabantwana iRed Cross War Memorial eKapa.

IRX Radio incedisana nabantwana ukuba babalise ngezinto ezibalulekileyo kubo.

[Tyelela iRX Radio](#)